## INKUNDLA ZOMTHETHO NAWE

Kuninzi lwabantu ukuvela enkundleni yinto eyoyikisayo nexakanisayo. Le ncwadana ke izakukunceda ngokuthi ikuchazele ngokwenzekayo nonokukwenza xa uzakuvela enkundleni.

## INKCAZO EMAPOLISENI

1. Xa ubanjiwe akunyanzelekanga ukuba uxele konke okwaziyo emapoliseni. Usenokuwanika nje igama lakho neadresi kuphela.

2. Kuxhomekeke kuwe ukuba ufuna ukwenza inkcazo ngokwaziyo emapoliseni. Kukwaxhomekeke kuwe nokuphendula imibuzo malunga nokubanjwa kwakho.

3.Xa usenza inkcazo emapoliseni kufuneka wazi mhlophe ukuba lo nkcazo uyinikileyo izakusetyenziswa njengobungqina enkundleni ukuba ubekwa isityholo.

4.Ukuba ke uthe wayenza inkcazo leyo,bhala phantsi isizathu sokuba ucinge ukuba umsulwa kwelityala ubekwa lona. Zama ukukwenza oku ngamazwi amafutshane kangangoko unako.

5.Musa ukuvuma ukusayina ingxelo oyenzileyo yaze yabhalwa phantsi ngamapolisa,ngaphandle kokuba uyavumelana nento leyo ebhaliweyo ngawe.

6.Musa ukuvuma ukusayina inkcazelo oyenzileyo yaze yabhalwa ngolwimi ongalwaziyo.Cela ipolisa elikhoyo elilwaziyo ulwimi oluthethayo ukuba likucacisele okubhaliweyo phambi kokuba wenze isigqibo sokusayina inkcazo leyo.

7.Ukuba ngaba akukwazi ukufunda, nyanzelisa ukuba inkzazo yakho uyifundelwe, uyitolikelwe ngokucacileyo phambi kokuba usayine (okanye ugximfize ubhontsi wakho kuyo).

8.Ukuba uyakrokra ukuba kukho ubutshilikithi obenziwe ngamapolisa xa bebebhala inkcazo oyinikileyo,musa ukuvuma ukusayina inkcazo leyo.

9.Khumbula ukuba amapolisa akanalo ilungelo ngokwasemthethweni lokukunyanzela ukuba wenze inkcazo okanye akugrogrise ukuba wenze inkcazelo.Ukuba uthe wenza inkcazo ngokunyanzelwa, xelela igqwetha lakho okanye umantyi ngokukhawuleza.




## AKUNYANZELEKANGA UKUNIKA INKCAZELO KUMAPOLISA

10.Ukuba unyanzeliswe ngokuthi ubethwe yiya kwagqirha ngoko-nangoko umcele ukuba akuxilonge akwenzele nephepha elichaza ngakufumanisileyo ngexa ebekuxilonga.Musa ukulibala ukuthatha igama logqirha lowo ebekuxilonga.

11. Xa kuthe kwakho ngxelo oyinikeze emapoliseni okanye kumantyi phambi kokuba uvele enkundleni ayithethi lonto ukuba unelungelo lokukhulululwa entolongweni.

12. Ngokunika lenkcazelo kumapolisa akuthethi kuba inkundla ingakunika ndlela iyodwa onokuthi uphatheke ngayo.



**INGABA NDIZAKUGCINWA APHA NGONAPHAKADE? INGABA MHLAWUMBI LOMFANEKISO UCHAZA ULOYIKO LWAKHO? ZISENOKUBA NINZI IINDLELA ZOKUKUCINEZELA.**

## XA UZAKUVELA ENKUNDLENI

**Ukuba kunokwenzeka zama nakanjani ukufuna igqwetha** elizakukumela ngokukhawuleza. (bona "Qiniseka ukuba ulifumene igqwetha"). Kwiminyaka engaphantsi kwe18 ubudala kubaluleke kakhulu ukuba abazali okanye umntu okugcinileyo babekho xa kuxoxwa ityala lakho ukwenzela ukuba bancedisane nawe kwimibuzo ethile. Xa ufunyaniswe unetyala unokucela ingxelo kunontlalo-ntle ezinokuthi zikusindise etyaleni.

A: Kwindlela eya enkundleni negqwetha lakho ninakho ukucebisana niqulunqa indlela onokuthi uzithethele ngayo enkudleni xa kunokufuneka uthethile.


B: Xa kunokwenzeka uthi kanti akunalo igqwetha lokukuthethelela unokuxakwa yinto emawuyenze. Ntoleyo enokwenza ungene emgibeni.

Umtshutshisi (igqwetha loburhulumente) linokwenza enye yezizinto zilandelayo:

Unokucela umantyi ukuba **alimisele** olunye usuku ityala (Jonga kwibhokisi engaphesheya) kwaye akuyi kuxelelwa ukuba ubekwa sityholo sini na. Kwesisithuba ke nazi izinto onokuthi uzenze:

1. Mxelele umantyi ukuba uye **wanyanzeliswa** okanye uyewafumana **uhlaselo lokubethwa** kabuhlungu ngamapolisa.

2. Mbonise umantyi imirwelo namanxeba onawo emzimbeni wakho. Cela ukuba uthunyelwe kwagqirha uyekufumana ingxilongo nengxelo ukuba akubanga nakho ukubonana nogqirha ngaphambili.



**Ukurhoxisa ityala** kuthetha ukuthi umantyi uzakumisa ityala alimisele olunye u**suku lokuvela enkundleni**. Lonto ke bayenza ngokukhawuleza kangangokuba unokungayiqondi into abayithethayo umantyi nomtshutshisi, phambi kokuba bakuxelele usuku ozakuphinda uvele ngalo enkundleni. Ukuba alukho olulandelayo kolunye lwezilwimi zimbini isiNgesi nesiBhulu kulapho itoliki yenkundla leyo ithi ithethe ulwimi lwakho ikuxelele lonto ibithethwa ngumantyi nomtshutshisi. Ngamanye amaxesha itoliki le idla ngokungatoliki lento kanye ibithethwa, ize iphinde ingakucaciseli ngokuzeleyo into leyo ibithethwa enkundleni.Xa kunjalo ke musa ukubanazo nezincinane iintloni zokuthi apho kumantyi okanye kwitoliki ngobuqu akuyilandeli lento ayithethayo.

3. Mxelele umantyi ukuba ufuna ukubonana negqwetha.

4. Cela **ibheyile** kumantyi (bona **"IBHEYILE")**.

5. Unelungelo lokumbuza umantyi ukuba ubekwa sityholo sini na uze ufune isikhuphelo sesityholo eso sibhalwe kuxwebhu lwephepha. (Oluxwebhu lwephepha kulapho kuchazwe yonke into ekubambisileyo: umzekelo: ngumhla, indawo kwakunye neembono zesenzo kuburulumente). Ukuba wenze inkcazelo kumapolisa,nalapho sifune isikhuphelo salonkcazo.

## OKANYE

Umtshutshisi **angasifunda isityho**lo eso ubekwa sona aze umantyi akubuze ukuba i**ngaba unetyala** na **noba awunalo. Kulapho ke unezinto zintathu ekufuneka uzikhethile.**

**ISILUMKISO**: Ukuba uthe "unetyala" kunganzima kakhulu ukuphinda uthi "akunalo ityala".

## UKHETHO LOKUQALA

1. Yithi ufuna ukubona igqwetha **phambi kokungxengxeza** (phambi kokuphendula isityholo). **"Unokuthi ndifuna ukufuna igqwetha,ningandinceda na nilikroxise ityala".**

2. Cela ibheyile.

3. Cela isikhuphelo soxwebhu olo lwetyala.

## IBHEYILE

Yimali oyihlawula enkundleni ngesigqibo sikamantyi sokuba loo mali iyakukumela xa uthe wakhutshwa eluvalelweni iqinisekisa ukuba wena uyakuthi ngemini zamatyala uvele enkundleni roqo, kwaye akuyikuwahlupha amanqina karulumente, akuyikuphinda uzibandakanye nelinye ityala ngelixa usengaphandle ngebheyile.

Ukuba uzaphule ezizigqibo imali yakho iyakutshonela apho enkundleni.Nawe ugcinwe ngaphakathi de ityala ligqitywe ukuxoxwa.

Ukuba akuzophulanga izigqibo ezo, lize ityala ligwetywe nditsho nokuba ugwetyelwe entolongweni, imali yakho iyakubuyiselwa kuwe ngaphandle kwamathandabuzo.

Umantyi ke uyakuthi abone ngokwakhe ukuba akunike na ibheyile. Ukuba uyala ke uyakulinda de uvele enkundleni,ngaloo mini ke usenokuphinda uyicele ibheyile.

## UKHETHO LWESIBINI

**Unokuthi akunatyala.** Kulapho ke ayakufaka imibuzo umantyi efuña ukuqonda ukuba kutheni usithi ukunatyala nje.

UNOKUPHINDA UKHETHE KWAKHONA

Unakho ukwala ukuphendula imibuzo. **Unokuthi "andikalungeli kuphendula mibuzo nakunika nkcazelo",** Nkqu ngelilixa kanye esanaba ngemibuzo yokuba utsho njani ukuthi akunatyala.

**Ngoku ke cela ukuba ufumane igqwetha**

**Ucele nebheyile**

Usenokukhetha ukuyiphendula imibuzo kamantyi xa ufuna ukumcacisela ukuba kutheni usithi **akunalo ityala.** Kodwa yazi ukuba yonke lonto ibhalwa phantsi ingathi mhlawumbi ikujikele xa kuxoxwa enkundleni.

**Ngoku ke cela ukuba ufumane igqwetha**

**Ucele nebheyile**

## UKHETHO LWESITHATHU:

Usenokufunyanwa **unetyala.** Xa kunjalo ke kubaluleke kakhulu ukwazi ukuba nokuba esosityholo usibekwayo siyinyani, **musa ukuzibophelela kwityala** elo kuba kunokufuneka unike izizathu ezivakalayo zesenzo eso, ezinokuthi mhlawumbi zikukhulule kwesosityholo usibekwayo.

1. Kolukhetho lwesithathu umantyi uzakukuhloma imibuzo ngokuthe kwaqhubeka malunga nesityholo eso .

2. Kuxhomekeke kwisingxengxezo sakho ukuba umantyi akwamkele ekubeni **akunalo ityala** nakulonto uthe wamxelela yona, kulapho ke anokuthi abuphulaphule ubungqina bakho nje ngobomntu ongenatyala. **Kobu buthuba zingisa wena uthi ndifuna igqwetha.**

**Cela ibheyile**

Kwizinto esizikhankanyileyo zimbini ezibalulekileyo ezimalunga nokuvela kwakho enkundleni "LUNGXENGXEZO, NEBHEYILE". Sinomdla omkhulu wokwazi ngaphezulu ngezizinto.

UNGXENGXEZO

1. Lixeshana nje elifutshane lokuvela enkundleni.

2. Akukho bungqina bunikwayo kungekho namangqina abizwayo.

3. Ngumatyi obuza yonke imibuzo. (Khumbula kakuhle **ayikho into eyaziwa nguye** malunga netyala lakho).

4. Landela ngobunono ingcebiso ozifumana phantsi kwesihloko **"XA USIYA ENKUNDLENI".**

5. Amapolisa, umtshutshisi negqwetha lakho basebenzisa ingqubo eyaziwa ngokuba **luthethwa-thethwano** phakathi kwaba sesibakhankanyile.Le nto kufuneka iqondisiswe kakuhle (bona kule bhokisi ingaphesheya).



**QONDISISA NGOKUZELEYO IINGCEBISO ZEGQWETHA**

## UGUQULO LONGXENGXEZO

Amapolisa anokukucinezela ngokuthi **vuma ityala** xa uthe walivuma uyakufumana isigwebo esilula kakhulu. Okanye bathi bayakukunika isophulelo ukuba **ufunyaniswe unetyala.**

Zizigqibo ezinzima kakhulu ezi kuwe zokwazi ukuba uvume na noba ungavumi. AKUNYANZELEKANGA UKUBA UVUMELANE NASO. Kodwa kufuneka ukwazile onokuthi ukwenze malunga netyala lakho. Inguwe negqwetha lakho kufuneka nenze izigqibo zemvumelwano zokuba liye na lokuthetha-thethana nomtshutshisi ngokuba akunike isigwebo esilula kakhulu,kufuneka uvume phambi kokuba igqwetha lakho liye kumtshutshisi.

Musa ukuvuma ukuba unetyala de igqwetha lakho licacise ngokuzeleyo ukuba kutheni libona ukuba wenze ngoluhlobo nje. Sukoyika ukuthi malikucacisele lento likucebisa yona de ucacelwe. Ukuba nje **ungafunyaniswa unetyala** kunokuba nzima kakhulu kuwe okanye igqwetha lakho **ukuyijika lonto.**

## IBHEYILE INDLELA ESEBENZA NGAYO

1. Umantyi nomtshutshisi abanyanzelekanga ukuba bakuxelele ukuba ungayifumana na ibheyile xa uthe wayicela.

2. Luxanduva lwakho ukucela ibheyile, kwaye ikwalilungelo lakho ukwenjenjalo.

3. Xa ucela ibheyile kubalulekile ukuba unike umantyi izizathu ezinokubangela ukuba ungabaleki xa ethe wakunika ibheyile.



**INTSAPHO YAKHO UMSEBENZI WAKHO IMPILO YAKHO**

4. Xa sele uyifumene ibheyile leyo kulilungelo lakho okanye izihlobo zakho okanye amalungu asekuhlaleni ukuba akubhatalele loo mali yebheyile. Irisiti leyo yebheyile yigcine ngonononophelo. Khumbula kakuhle ukuba loo mntu ubhateleyo nguye kuphela enokunikwa yena loo mali.

5. Eminye imibutho ikuthakazelela kakhulu ukuncedisana nabantu ekubhataleni imali yebheyile.(jonga uludwe lwe dilesi ngemva kulencwadana).

6. Inkundia ezininzi zomantyi zinamagosa abizwa ngokuba **zizihlobo zentolongo**. Buza umantyi ukuba ungawusebenzisa na umnxeba utsalele umntu onokuthi akuzisele imali yebheyile xa engekho omnye umntu okhoyo onokukunceda.

**Ungxengxezo nebheyile** zibaluleke kakhulu kodwa eyona nto ibaluleke nangaphezulu **kukufuna igqwetha**.



NDILIFUMANA NJANI IGQWETHA?

## UKUFUNA IGQWETHA

Kubaluleke kakhulu ukuthi phambi kokuba uvele enkundleni ufumane ingcebiso ngomthetho okanye uncediso. Wonke umntu ofuna igqwetha unalo ilungelo lokuthethelelwa ligqwetha enkundleni.

Xa ukulengxaki kufuneka ufune umntu oselekhe wafumana ingxaki eyelele kule ukuyo waza wayisombulula negqwetha akubonise ukuba mawuthinina khona ukuze uhambe lula. Kungenjalo buza nakuwuphi umqeshi,titshala wesikolo,umfundisi okanye injingalwazi abanokuthi bawazi amagqwetha athile,okanye ke uyekufuna uncedo kwi-ofisi zengcebiso.

## INDLEKO ZAMAGQWETHA UZIBHATALA NJANI

Ungenza isicelo soncedo lokubhatala igqwetha lakho kumbutho owaziwa ngokuba ngumthetho woncedo "Legal Aid". Uzakubuza ngenkcukacha zokuba usenza njani na isicelo kwinkundla kamantyi ekufutshane,okanye xa unalo igqwetha mcele umantyi akwenzele esisicelo. Mhlawumbi ungafuna ukufumana oluncedo ngokubhatala iindleko zalombutho weLegal Aid. (Jonga iidilesi ngemva kulencwadana.)

Ungenza isicelo komnye walemibutho enokuthi ikuncede ekufuneni uncediso lomthetho kumatyala opolitiko,apho abantu bangenakuphumelela ukubhatala zonke ezi ndleko. ILegal Resource Centre eseKapa, eBhayi, eDurban, e-Rawutini, eRhini, kwiClinic zomthetho zaseYunivesiti, amagqwetha amalungelo abantu, imibutho yeDemocratic Lawyers, kwakunye nemibutho yeecawa ziyabandakanyeka koluncedo.

BUZA IGQWETHA LAKHO

1. Ukuba yimalini iindleko zetyala lakho;

2. Licele likwazise ngento yonke eqhubekayo malunga netyala.

3. Qiniseka akuba ukukho nto ungayilandeliyo malunga nolwimi oluthethwa ligqwetha lakho (Xa usiya kubonana negqwetha lakho ilixa lokuqala, ukucela isihlobo sakho esithetha iilwimi ezininzi ingaluncedo lonto ekutolikeni elolwimi ungaliqondiyo).

4. Linike igqwetha ubunyani balonto iqhubekileyo. Ukuba unenkcazelo osele uyinikezile emapoliseni aze akuhlasela okanye akuphatha kakubi, lazise igqwetha lakho konke oko.





## UTHETHO TYALA

A: Xa uvela enkundleni unegqwetha lokukukhusela:

Ukuba uthe **akunatyala** okanye umantyi akujikele isingxengxezo sakho ekubeni **akunatyala**, igqwetha lakho liyakukucebisa ngezinto emawuzenze. Igqwetha lakho liyakuthi libize amangqina lize lilishwankathele elo tyala lakho emva koko.

B: Xa uvela enkundleni ungenagqwetha lokukukhusela:

Ukuba uthe **"akunatyala"** okanye umantyi alijikele ekubeni **"akunatyala"** kuyakwenzeka lento.

1. **Umtshutshisi** uyakubiza amangqina oburulumente. Ingqina ngalinye liyakunika ubungqina ngokuphendula imibuzo leyo ayibuzwa ngumtshutshisi.

2. Emva kobungqina ngabunye obunikwe lingqina, kuyakunikwa wena inxaxheba yokuzibuzela kwingqina malunga nezinto azithethileyo ongangqinelaniyo nazo. Lonto ibizwa ngokuba **yicross-examination.**

3. Lixelele ingqina elo ibali lakho uze ulibuze ukuba liyaphikisana na nalonto uyithethileyo ukuba iyinyani. Ibali elo lakho malicace libelula. **(Ingqina unokulichazela nje lonto inxulumene naleyo beliyithetha ungabalisi ibali lakho lonke)**. Qiniseka ukuba uyilwile yonke into ethethwe lingqina eli ongangqinelaniyo nayo. Kungenjalo inkundla ingaphantse iqiniseke ngezozinto zisaleleyo ungakhange uzivandlakanye ukuba zinjalo.

4. Yenze lonto kwingqina ngalinye elibizwe ngumtshutshi.

5. Xa umtshutshisi ewabize onke amangqina,ngokuke lixesha lakho lokufaka ityala enkundleni.

6. "KUBALULEKE KAKHULU" Musa ukucinga ukuba lonto uyithethileyo kwesisithuba songxengxezo yanele. Kufuneka uzikhusele ngeyona ndlela ukususela ekuqaleni ukuya ekugqibeleni. Lilona xesha likulungeleyo lokucacisa ityala lakho.

Ungabunika ubungqina njengengqina ngobuqu uze uphinde ubize amangqina akho akuxhase kobobungqina ubunikileyo.

**Okanye** ke ungavela nje ubize amangqina. (Ukuba akubunikanga ubungqina ngokwakho,yazi ukuba elityala lisenokujikela).



**Ukuba akunalo igqwetha ungavumeleka ukuba ulibuze ingqina ngobuqu.**

Okanye unokuthi akuzunika bungqina kwaye akunqweneli kubiza mangqina.

**Isilumkiso**! Ukuba akuniki bungqina, akubizi mangqina, akukho nto uphikisana ngayo nobungqina obunikwe ngamangqina karhulumente usenokufunyanwa unetyala.

7. Ukuba ubunikile ubungqina ngokwakho, amangqina akho anokubuzwa imibuzo ngumtshutshisi nomantyi. KUBALULEKILE: Ungamcela umantyi nangawuphi umzuzu ukuba alimise ityala, wenzele ukuba ufune igqwetha.

8. Umantyi uyakunika isigqibo sakhe xa kuvalwa ityala sokuba **unetyala** na noba **akunalo.**



## UKUZISA AMANGQINA AKHO ENKUNDLENI

Ukuba ungaphakathi entolongweni,cela umantyi akuncede. Ukuba akukho ntolongweni kwaye ufumana ubunzima unokumcela nalapho umantyi ukuba abizele amangqina akho enkundleni. Ukuba amangqina akho akaphumelelanga enkundleni, cela umantyi alimisele omnye umhla ityala ukwazi ukuza nawo ngokwakho.

## ISIGWEBO

A. Ukuba **akunatyala** uzakukhululwa.

B. Ukuba **unalo** uzakugwetyelwa ngaphakathi entolongweni uhlale de kuphele isigwebo.

## ISIGWEBO ESINOKWENZEKA

1. Ungagwetyelwa entolongweni.
2. Ungabhatala imali.
3. Unokucanjalaliswa ufumane ukukatswa ngekeyini elula okanye enzima.
4. Usenokugwetyelwa ukuba wenze inkonzo zasekuhlaleni.
5. Lengqokelela yezizinto isenokusetyenziswa.
6. Isigwebo sakho sisenokuxhonywa, ukanti ke kunokuxhonywa ixesha elithile kwesosigwebo sakho (ukuxhonywa kwesigwebo kukuthi ugwetyelwe ngaphandle ungavalelwe entolongweni xa uthe wafunyaniswa **unetyala**, okanye masithi iinyanga ezithile uzihlale entolongweni isiqingatha sazo ngaphandle). Lonto ke ithetha ukuba xa uthe waphinda wona lingekapheli elixesha ityala lakho lixhonyelwe lona, ezonyanga bezixhonyiwe uphinda uzidontse ngaphakathi ejele.

Phambi kokuba umantyi akugwebe uyamxelela umtshutshisi esosigwebo abona ukuba sikufanele. Nawe ikwalithuba lakho lokuba uzingxengxezele kumantyi malunga nesosigwe

bo usifumeneyo.



## UNGANGXENGXEZELA UNCIPHISO LWESIGWEBO

**Ungxengxezo lonciphiso sigwebo kuxa ucela isigwebo esincinane ngenxa yezizathu ezithile. Unalo ilungelo lokwenza oko,umzekelo unokumxelela umantyi ngezizinto:**

1. Ngobume bakokwenu, waqhuba njanina esikolweni, waze wafumana msebenzi mni nokuba umvuzo owamkelayo ungakanani.

2. Ukuxhomekeka kwabantu bakokwenu kuwe nezinye izinto ezikwajonge wena.

3. Ukuba ungabhatala lomali ugwetywe yona okanye imbuyekezo.

4. Nokuba uyazisola ngokwenzileyo.

5. Nokuba kokokuqala usona.

6. Nokuba unezizathu ezibalulekileyo zokuba wenze lento uyenzileyo.

UHLOLO

Ukuba ugwetyelwe entolongweni, umantyi unokukuxelela ukuba ityala lakho lizakuthunyelwa ejajini ilihlole. **Ukuba** uyaqonda ukuba umantyi wenze izigqibo ezingalunganga ungabhalela ileta e"SUPREME COURT". Lencwadi ke ungayinikela oogunyaziwe basentolongweni bayigqithisele kumbhali wencwadi zalapho eSupreme Court.



## ADVICE OFFICES-CAPE TOWN

Advice Office Forum
7 Town Centre
HANOVER PARK 7764
Tel: (021) 637-9060

The A.O.F. trains
Office Workers
Contact them if you
need help in starting
or running an advice
office in the Cape

Atlantis Advice Office
la Claude's Building
Westfleur Circle 7349
ATLANTIS
or
P.O. Box 943
Reygersdal 7352
Tel: (0226) 27295/21803
OPEN: Mon. - Thurs. 9a.m. to 2p.m.
Sat. 9a.m. - 1p.m.

Black Sash Advice Office
5 Long Street
MOWBRAY
Cape Town 7700
Tel: (021) 689-3150
OPEN: Mon. to Fri. 9a.m. to 1p.m.

Belhar Advice Office
Park Rite Building
Heerengracht Road (Cor. Reiger Ave.)
Belhar Ext. 13, 7490
or
P.O. Box 75
BELHAR 7507
TEL: (021) 952-6691
OPEN: Mon. & Wed. 8.30a.m. to 4.30p.m.
Tues. & Thurs. 8.30a.m. to 7.00p.m.
Sat. 8.30a.m. to 11a.m.

Elsies River Advice Office
54 Shamdoll Centre
Halt Road
Elsies River 7494
or P.O. Box 147
Elsies River 7480
Tel: (021) 932-6034
OPEN: Mon. to Thurs. 9a.m. to 4p.m.
Fri. 9a.m. to 2p.m.
Sat. 9a.m. to 1pm.

Hanover Park Advice Office
7 Town Centre
HANOVER PARK 7764
Tel: (021) 682-4645
OPEN: Mon. & Wed. 9a.m. to 8.pm.
Tues. & Thurs. 9.a.m. to 5p.m.

Heideveld Advice Office
4 Town Centre
Heideveld Road (Cor. Ascension Rd.)
HEIDEVELD 7764
or
P.O. Box 484
Gatesville 7764
Tel: (021) 638-3525
OPEN: Mon. to Thur. 9.a.m. to 1p.m.
Tues. 7a.m. to 8p.m
Sat. 9a.m. to 12noon

Lavender Hill Advice Office
New World Foundation
Grindel Drive
LAVENDER HILL 7945
Tel: (021) 62-9020
OPEN: Mon. to Fri. 9a.m. to 1p.m.
Mon. 6.30p.m to 7.30pm.

Logra Advice Office
New Terminus Building
Buck Road
LOTUS RIVER 7945
or
P.O. Box 12
Lotus River 7805
Tel: (021) 73-5110
OPEN: Mon.- Thurs. 10a.m. to 1p.m.
Sat. 9a.m. to 12noon

Manenberg Advice Office
Catholic Church
Manenberg Avenue
MANENBERG 7764
or
P.O. Box 7
Manenberg 7767
OPEN: Mon., Wed. & Thurs. mobile office in area
Sat. 9a.m. to 1p.m. at Catholic church

Mitchell's Plain Advice Office
Shop 14 Allegro Lane
Town Centre
MITCHELL'S PLAIN 7785
Tel: (021) 323707
OPEN: Mon. to Fri. 9a.m. to 3p.m.
Sat. 9a.m. to 12noon

Woodstock Advice Office
171 Sir Lowry Road
SALT RIVER 7925
Tel: 478112
OPEN: Mon. - Fri. 9a.m. to 5p.m.
Sat. 10a.m. to 1p.m.

Khayelitsha Advice Office
C/o Catholic Welfare Building
E 505
KHAYELITSHA 7784
Tel: (021) 361-3349
OPEN: Mon., Wed. & Fri. 10a.m. to 1p.m.

Silvertown Advice Office
C/o Mrs Pretorious
36 Blossom Street
Silvertown 7764

## ADVICE OFFICES - EAST LONDON

Black Sash Advice Office
32 Cuthbert's Building
Oxford Street
EAST LONDON 5201
Tel: (0431) 43-9206
OPEN: Mon. to Fri. 9.30a.m to 2p.m.

Afesis Advice Centre
3 Zephyr Street
Peffereville
East London 5201
or
P.O. Box 10023
PEFFERVILLE 5209
Tel: (0431) 28829
OPEN: Mon. to Fri. 9a.m. to 5p.m.

People's Advice Office
11 Fleetwell House
17 Gilwell Road
EAST LONDON 5201
or
P.O. Box 7275
East London 5200
Tel: (0431) 21830/21865
OPEN: Mon. to Fri. 8.30a.m. to 5p.m.
Sat. 8.30a.m. to 1p.m.

## ADVICE OFFICES - PORT ELIZABETH

Black Sash Advice Office
Room 23
Cooperative Centre
50 Perl Road
KORSTEN 6020
or
P.O. Box 2767
NORTH END
Port Elizabeth 6056
Tel: (041) 413888/9/0
OPEN: Mon. to Thurs. 9a.m. 1p.m.
Sat. 9a.m. to 11a.m.

Port Elizabeth.
503 Alfin House
510 Main Street
PORT ELIZABETH 6001
Tel: (041) 54-3141
OPEN: Mon. to Thurs. 9a.m. to 4.30p.m.
Fri. 9a.m. to 4.p.m.

## ADVICE OFFICES - CAPE COUNTRY

Burgersdorp Advice Office
Fuchsia Street
1220 Eureka Township
BURGERSDORP 5520
Tel: (055312) ask for 315
OPEN: Mon. to Fri. 8a.m. to 5p.m.

Black Sash Advice Office
Cobden Street
(In grounds fo Day Hospital)
GRAHAMSTOWN 6140
Tel: (0461) 23044
OPEN: Sat. 9a.m. to 1p.m.

Kimberley Centre of Concern
P.O. Box 9056
Mankurwane 8342
OPEN: Mon. to Fri. 8a.m. to 4p.m.

Northern Cape Advice Centre
T1 Nyambane Street
KIMBERLEY 8301
Tel: (0531) 42852
OPEN: Mon. to Fri. 8.30a.m. to 4.30p.m.
Sat. 8.30a.m. to 12noon

Knysna Advice Office
St. George's Anglican Church Hall
KNYSNA 6570
or
P.O. Box 201
Knysna 6570
Tel: (0445) 24458
OPEN: Tues. & Sat. 9.30a.m. to 12noon

Middelburg Advice Office
N.G Sending Kerk
Botha Street
Midros
MIDDELBURG 5900
or
P.O. Box 34
Middelburg 5900
Tel: (0483) 23079
OPEN: Mon. to Thurs. 8.a.m. to 4p.m.
Fri. 8.a.m. to 3p.m.

Montague-Ashton Community Service
Sultana Crescent
MONTAGUE 6720
Tel: (0234) 41175/42619
OPEN: Mon., Tues., Thurs. & Fri. 9a.m. to 5p.m.
Wed. & Sat. 9a.m. to 1p.m.

Oudtshoorn Resource & Advice Centre
Brixton Shopping Centre
Brixton
OUDTSHOORN 6620
or
P.O. Box 2033
Bridgmanville 6620
Tel: (04431) 6741
OPEN: Mon. to Fri. 9a.m. to 5p.m.
Sat. 9a.m. to 1p.m.

Paarl Advice Office
One-Up Supermarket Building
Main Road
Newton
WELLINGTON 7655
Tel: (02211) 32489
OPEN: Mon. 11a.m to 4p.m.
Tues. to Thurs. 9a.m. to 4p.m.
Fri. 9a.m. to 3p.m.

Stellenbosch Advice Office
5 Bell Street
STELLENBOSCH 7600
Tel: (02231) 74400
OPEN: Mon., Wed. & Fri. 11a.m to 5p.m.
Sat. 9a.m. to 12noon

Uitenhage Advice Office
8 Constitution Road
UITENHAGE 6230
or
P.O. Box 603
Uitenhage 6230
Tel: (0422) 23041
OPEN: Mon. to Fri. 9a.m. to 4p.m.

**DEPENDANT'S CONFERENCE (D.C.)**

Dependant's Conference
Cowley House
126 Chapel Street
CAPE TOWN 8001
Tel: (021) 45-2100/43-7373

Dependant's Conference
King Williams Town 5600
Tel(0433) 23165

Dependant's Conference
8 Angelo-African Street
GRAHAMSTOWN 6140
Tel: (0461) 26683

Dependant's Conference
P.O. Box 806
QUEENSTOWN 5320
Tel: (0451) 3446

Dependant's Conference
P.O. Box 34
MIDDELBURG
Cape 5900
Tel: (0483) 22407

Dependant's Conference (Kimberley)
P.O. Box 9012
GALESHEWE 8330
Tel: (0531) 41535)

Dependant's Conference
PORT ELIZABETH
Tel: (041) 27391

Dependant's Conference
OUDSHOORN
Tel: (04431) 92136

Dependant's Conference
WORCESTER
Tel: (0231) 26611

## SOUTH AFRICAN COUNCIL OF CHURCHES

Western Province Council of Churches
Community House
41 Salt River
SALT RIVER
CAPE TOWN 7925
Tel: 475086

Boland Council of Churches
60a Grey Street
WORCESTER 6850
Tel: (0231) 26611

South Eastern Cape Council of Churches
P.O. Box 99
HEIDELBURG 6760
Tel: (0151) 2437

Southern Cape Council of Churches
P.O. Box 1211
OUDTSHOORN 6600
Tel: (04431) 92-136

Eastern Cape Council of Churches
(P.O. Box 1035)
385 Kempton Road
Korsten
PORT ELIZABETH 6014
Tel: (041) 43-6831

Border Council of Churches
(P.O. Box 966)
8 Bank Street
KINGWILLIAMSTOWN
Tel: (0433) 23165

Northern Cape Council Churches
P.O. Box 1533
KIMBERLEY 8300
Tel: (0531) 43337

West Coast Council of Churches
P.O. Box 46
Diazville
SALDANHA 7395
Tel: (02281) 41984

**LEGAL AID**

Democratic Lawyers Organisation
C/o Mr. H. Joshua
P.O. Box 21
Athlone
CAPE TOWN 7760
Tel: (021) 637-1350/1

Legal Resources Centre
41 Church Street
CAPE TOWN 8001
Tel: (021) 23-8285

U.C.T. Legal Aid Clinic
Kramer School of Law
University Avenue
University of Cape Town
P/B RONDEBOSCH 7700
Tel: (021) 650-3557

Community Law Centre
University of the Western Cape
Modderdam Road
P/B X17
BELLVILLE 7530
Tel: (021) 959-2414

Lawyers for Human Rights
Die Ou Hoofgebou
University of Stellenbosch
STELLENBOSCH
Tel: (02231) 74702

Legal Aid Clinic
Rhodes University
GRAHAMSTOWN 6140
Tel: (0461) 22023
OPEN: Mon. only 5p.m. to &.30p.m.

Legal Resources Centre
Emek House
Cor. Lower Main Road & Market Street
Northhend
PORT ELIZABETH 6001
Tel: (041) 54-5444

**CRISIS ADVICE & ASSISTANCE**

Relief Centre (R.M.G.)
Community House
41 Salt River Road
SALT RIVER
CAPE TOWN 7925
Tel: (021) 477-230/1

Wynberg Crisis Clinic
C/o Mrs. S. Ismail
7 Park Lane
Park Road
WYNBERG
CAPE TOWN 7800
Tel: (021) 77-3309

L.E.A.P. (Legal Education & Action Project)
C/o Institute of Criminology

University of Cape Town
P/B RONDEBOSCH 7700
Tel: (021) 650-2680

**OFFICES OF THE LEGAL AID BOARD**

This is a government body which may
give legal help to people in need,
in cases of non "political" court action
Contact can be made through the
Magistrate...'s Court.....


Legal Aid Officer
Protea House
Adderley Street
CAPE TOWN 8001
Tel: (021) 45-5033

Legal Aid Board
Eastridge 101
Harmony Square
MITCHELL'S PLAIN
CAPE TOWN 7786
Tel: (021) 32-4131

Legal Aid Board
21 Belgravia Road
ATHLONE
CAPE TOWN 7764
Tel: (021) 637-9107

**Translated by: NOBOM CIYA**

**Illustrated by: TONY GROGAN**



**A BLACK SASH PUBLICATION**
(This booklet is published by The Black Sash, Western
Cape Region, 5 Long Street, Mowbray 7700, and was
Printed by: Allies Printing Services, Epping Ave., Elsies River. 7460 in March
1989.)